ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Moya Paterson**
ICandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo
Moya.Paterson@westerncape.gov.za | 021 467 2140

URhulumente weNtshona Koloni

Inombolo yefayili: 6/2/P
Isalathiso: 20230413 - 3402

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0006/2023

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zawo onke amaziko emfundo

**Isihloko: Isikhokelo sokuthengwa kwefenitshala nezixhobo zokusebenza ukulungiselela owama-2024**

1. **Inkqubo yokubeka phambili ngokokubaluleka nokuthengwa kwefenitshala nezixhobo zokusebenza zezikolo**

1.1 Ikhathalogu yokuthengwa kwefenitshala iquka ii-ayithem eziyi-30 zefenitshala yesikolo neekhomponenti eziyi-22 kuxwebhu oluqhotyoshelweyo (isiHlomelo A). Zonke izicelo zefenitshala nezixhobo zokusebenza ezisuka kwizikolo ezikhoyo mazingeniswe ngefom echanekileyo. Le fom yesicelo mayingeniswe kumphathi wesekethe wesikolo ungadlulanga owama-12 Meyi 2023.

1.2 Makwenziwe isicelo sefenitshala kwifom yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED* 026A *form* (isiHlomelo B) yaye mayisayinwe ngabo bonke abasayinayo abachaphazelekayo.

1.3 Izixhobo mazithengwe kwifom *WCED* 026B *form* (isiHlomelo C) yaye mayisayinwe ngabo bonke abasayinayo abachaphazelekayo.

1.4 Ezi khomponenti zefenitshala zingentla (22) mazi-odolwe kuphela zizikolo ezineekhomponenti ezophukileyo/ezonakeleyo zeplanga *(broken/damaged wooden components*) ezifuna ukuzilungisa/ukuzenza ntsha kwakhona.

1.5 Amagosa ezithili ekudluliselwe amagunya kuwo aya kuhlola izicelo zefenitshala nezezixhobo zokusebenza kwisekethe nganye yaye baqulunqe uluhlu lwee-ayithem ezibalulekileyo ngokungqinelana nebhajethi efumanekayo. Olu luhlu lwee-ayithem ezibalulekileyo luya

kuthunyelwa kwiCandelo eliyiNtloko leZithili ungadlulanga owe- 9 Juni 2023 ukwenzela ukuvunywa kwalo.

1.6 Amagosa ekudluliselwe kuwo amagunya kwii-ofisi zezithili aya kwazisa izikolo ngencwadi ebhaliweyo ukuba ngaba izicelo zazo okanye inxalenye yazo ivunyiwe, zifakelwe izilungiso, okanye azivunywanga.

1.6 Ezi ayithem ziya kuthengwa kusetyenziswa inkqubo yeziniki-maxabiso yaye izikolo ziya kukwaziswa ngokunjalo.

1.7 Izikolo mazibalandelele abaphathi beesekethe abachaphazelekayo ukwenzela ukuba ziqonde ukuba yeyiphi na ifenitshala okanye izixhobo zokusebenza ezikuluhlu lwezinto ezibalulekileyo.

1.8 Ukufakwa kwee-odolo zefenitshala ezivunyiweyo nezixhobo zokusebenza kuya kuqaliswa ekuqaleni konyaka-mali omtsha (14 Juni 2023).

2. **Ithuba lokusebenza kwewaranti nefenitshala eyonakeleyo**

2.1 Ifenitshala nezixhobo zokusebenza zinewaranti yonyaka omnye ukususela kumhla wokusiwa kwazo ezikolweni.

2.1.1 Izikolo ezifumana ifenitshala okanye izixhobo zokusebenza ezonakeleyo okanye ezophukileyo mazazise uNdlunkulu kwangethuba ngokungenisa ingxelo ebhaliweyo kule dilesi ye-imeyili: Moya.Paterson@westerncape.gov.za.

2.1.2 ISebe i-*WCED* liya kubonisana nomthengisi ukwenzela ukuba benze amalungiselelo okutshintsha ifenitshala nezixhobo zokusebenza ngokukhawuleza kangangoko kunako.

2.2 Ifenitshala okanye izixhobo zokusebenza ezonakeleyo ezinokulungiswa mazigcinwe kakuhle ukuthintela ukuba zingonakali kwakhona.

2.3 Izikolo zinoku-odola iikhomponenti kwikhathalogu yefenitshala ukuze zilungise nayiphi na ifenitshala enesiphene okanye eyonakeleyo ezinayo.

2.4 Ukuba izikolo zi-odola ifenitshala ngqo kumthengisi, isikolo siya kuba noxanduva lokuhlawula ezo odolo.

2.5 Izikolo zinokusebenzisa isabelo sazo saqho ngonyaka semimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali (*annual norms and standards allocation*) neemali zesikolo ukuthenga kunye/okanye ukulondoloza ifenitshala nezixhobo zokusebenza ebezingafakwanga kuluhlu lwezinto ezibalulekileyo zii-ofisi zezithili zazo.

3. **Ukulawulwa kwefenitshala nezixhobo zokusebenza ezikolweni**

3.1 Izikolo maziseke ikomiti yokusingatha ukuthengwa kweempahla neenkonzo (*procurement committee*) eya kuba noxanduva lokugcina iirekhodi ezihlaziyiweyo zefenitshala nezezixhobo zokusebenza.

3.2 Ifenitshala kunye/okanye izixhobo zokusebenza ezingasasetyenziswayo mazicinywe yaye zichithwe emva kokuba kuthathwe isigqibo ngazo kwintlanganiso engokuchithwa kweempahla. Imizuzu mayibonise isigqibo esilolu hlobo yaye mayigcinwe kwiirekhodi.

3.3 Ikopi yemizuzu ekubhekiswa kuyo kumhlathi 3.2 mayithunyelwe kule dilesi ye-imeyili Moya.Paterson@westerncape.gov.za ukuqinisekisa ukuba iCandelwana leFenitshala neZixhobo zoKusebenza lizihlaziya qho iirekhodi ezikwikhompyutha zefenitshala nezixhobo zokusebenza ezikwi-*CEMIS*.

4. **ISistim ye-*CEMIS***

4.1 Yonke ifenitshala nezixhobo zokusebenza ezisiwe ezikolweni ziya kufakwa kwikhompyutha kwisistim ye-*CEMIS* ngabasebenzi beCandelwana leFenitshala neZixhobo zoKusebenza.

4.2 Izikolo mazizihlaziye iirekhodi ze-inventri zazo qho ngonyaka nekufuneka ziquke ifenitshala eyongezelelweyo ethengwe ngeemali zazo, istokhwe esikhoyo nefenitshala echithiweyo *(disposed*) kwanezinto ezishotayo.

4.3 Ezi rekhodi mazisetyenziselwe ukuqaphela imfuno yesikolo yokongezelela ifenitshala nezixhobo zokusebenza.

4.4 Ukwenzela ukuba zigcinwe ngokukhuselekileyo zingabiwa ii-asethi, kukhuthazwa izikolo ukuba ziyibhale ngokucacileyo yonke ifenitshala nezixhobo zokusebenza.

5. Niyabulelwa ngentsebenziswano yenu.

**ISAYINWE:** NGU**-**MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-03-10